

Xhosa Transcript:

M: *So yintoni oqala uyenze kengoku?*

S: Ndiqala ndiwafayile. Ndiqala ndiwakhate, made. *Then after* ndiwakhatile, ndiwafayile.

M: Uba umntu masithi ufuna abemade kengoku?

S: Uba ufuna abemade la wakho okanye la uzawuwafakela? Ndizawukufakela ngoku *itips*.

M: Uzondifakela *itips*?

S: E-e¹.

M: Okheyi.

S: Andizukwenza phez'kwawakho, ndizawukufakela *itips so* ndizakuwakhata *at least* angabimade *then after* ndiwakhatile ndiwafayile. *After* ndiwafayilile kengoku ndilinganisele *itips* uba zima kangakanani na. Zibanjani isayizes.

M: Uwafayila enzelba kuzothini?

S: Enzelba izokwazi uhlala iglu. Xa efayilwe mos abarhabaxa *so* iglu ayihlai xa ku *smooth* oluhlobo. *So* funeka kuberhabaxa *then after* ndiwafayilile ndifake ilentuka, ndilinganisele *itips* ugqiba kwam ulinganisela *itips* ndifake *itips* ezi nge glu.

M: *And then* umntu uyazikhethela uba ufuna *itips* zibengakanani?

S: E-e uyazikhethela uba ufuna *itips* zibende zibemfutshane. Xa sendigqibile ufaka *itips* ndizokhata, ukhata ndixhomekeke kuwe uba ndikhate *isize* engakanani. *Then* xa ndikukhata *itips*, nd'zawu jonga kuwe uba made ngoku mafutshane ngoku *then* uthi *yes* uba irayithi ndikhate. *After* ndikathile ndiphinde ndifayile *itips* eziya zibe *smooth*. *After that* ndifake *iacrylic powder*, yile izawuwenza kezona ke zilingane. Uyabona mos *itip* ima *halfway then* kengoku *iacrylic powder* ndizendiyiqabelise phezu kwetip *then* ibe *smooth* lilingane izipho ibengathi lelakho *but* kuze ibengathi lelakho funeka ndilifayile *again* ndiremove-e la *acrylic powder*. *After* ndiremove-e la *acrylic powder* ndizwube sendilibona li *smooth*. Iyakwazi ushota ke ithi kanti ndiyigalele kancinci ndiphinde ndiyongeze. *After* ndiwongezile ndiphinde ndifayile *again* into ezokwenze *smooth* oluhlobo. Ingacaci uba ufakele. Ugqiba kwam kengoku ndiphinde zinintsi mos ifayils endizisebenzisayo ndiphinde ndiwabhafe ndiwabhafe ashayine *before* ndifake icutex.

¹ *E-e* is a shorter way of saying *ewe*, which means "yes."

M: *So ifayilaz ozisebenzisayo zenza umsebenzi omnye?*

S: *Three. Ziyi three. Azenzi msebenzi omnye.*

M: *So eyokuqala yi...?*

S: *Eyokuqala yile irhabaxa for uba ndikwazi ufaka iglu then eyesibini yile iyenza into iremova iacrylic powder, eyesithathu ibe yile ibhafayo enzelba zibe smooth zishayine.*

M: *So uqale nini ukwenza amazipho?*

S: *Ndiqale ngoDisembha.*

M: *Usando qala?*

S: *Ndisando qala ewe.*

M: *Yho! Wafundiswa wafunda eskolweni okanye?*

S: *Ha-a² ndifunde komnye usisi obe bendirenta kuye le body massage. Into endiyiyeleyo eskolweni yibody massage. Ndifunde kuye ke losisi. Ndabona kuye uba kwenzwa kanjani. Ndaphela ndibona uba... Ndazenza mna ndafunda apha kum ndazenza ndazifakela itips.*

M: *Wenza amazipho akho?*

S: *E-e. Ndazenza awam amazipho. Then ndazibona kula wam uba ndiyakwazi. Then nyani abantu bawancoma kwathwa yhu mahle then sicela usenze nathi so ndabenza kengoku abantu ndaphela ndinebusiness ngolohlobo. Ndabe ndiyazi indawo ethenga kuyo izinto ndayo thenga pha.*

M: *Waxelelwa nguye?*

S: *M-m ndaxelelwa nguye uba wayedlangondithuma.*

M: *So funeka ube nantoni ke xa usenza amazipho? iFayilaz?*

S: *E-e funeka ube nefayilaz, funeka uthenge itips, ube necutex ubenayo ne ikhona nenye idraya, idraya yodraya wena but mna andiyisebenzisi kuba ndisebenzisa iacrylic. Xa usebenzisa ijel uwafakela ngejel so uyawafaka kula draya.*

M: *Itheni ijel? Ayomi ngexesha?*

² *Ha-a* is a slang way of saying “no” in Xhosa.

S: Ayomi msinyane e-e. iAcrylic lena yona iyazomela msinyane. So andinayo kemnake la draya *because* andiyiboni iyusi yayo. Ndingabanayo ke xa ndizofaka abantu ngejel. *Most of* abantu bafuna la awenziwe nge *acrylic because aya lasta*. Awejel awalasti.

M: Yenzwa yintoni kengoku lonto.

S: iJel ayifani ne *acrylic, iacrylic* ingathi yisamente iyaqina.

English Translation:

M: What is the first thing you do?

S: First I have to file the fingernails. Actually, I have to cut them first; they are long. Then after cutting them, I will file them.

M: What if a person wants them to be long?

S: It depends on whether you want to use your own nails or if you want artificial ones. I will be using artificial tips.

M: Artificial tips?

S: Yes.

M: Okay.

S: I won't be using your own nails; therefore I will be putting tips on you[rs] and will have to cut your nails so that they do not show under the tips. We will then see how the tips fit on your nails.

M: Why do you file the nails?

S: It is so that the glue can stick to the nail. When you file them, they become rough, and the glue does not stick when the nail is this smooth. So I file them, measure the tips to your nails, and stick the tips to the rough surface of the nail.

M: Does a person choose what length they want their tips to be?

S: Yes, you choose how long or short you want your tips to be. When I have attached the tips, I will cut them, and you will tell me when to stop. After cutting them, I will file the tips until they are smooth. I will then apply acrylic powder; this makes the nails look even. You see how the tip is only halfway on your nail; the acrylic powder smoothes it out. I have to re-file the nail in order to remove the acrylic powder and make it really look like your own nail. It looks really smooth now. Sometimes I apply too little powder

and then I have to reapply it. I have many files, and after this process, I use another nail file to buff the nails before I apply nail polish.

M: Do all the files you use do the same job?

S: There are three different files, and they do not perform the same function.

M: What does the first one do?

S: The first one is the one that makes the nails rough so I can apply the glue, the second one is the one that removes the acrylic powder, and the third one is the one that buffs the nails to make them look smooth and shiny.

M: When did you start doing nails?

S: I started in December.

M: You've just started?

S: Yes, I've just started.

M: Wow. Did you go to beauty school or...?

S: No, I learned from a lady who I worked with while doing body massage. I studied body massage but not doing nails. I watched what this lady was doing and started doing my own nails and applying my own tips.

M: You did your own nails?

S: Yes, I did my own nails, and this is when I realized that I could do nails. People would compliment me and ask me to do their nails, and that is how I ended up with this business. I knew her supplier, so I just got all my merchandise from that store.

M: Did she give you the details?

S: Sometimes she would ask me to go buy supplies for her there, so that's how I knew.

M: So what exactly do you need for a nail business? Files..?

S: You need files, you need to buy tips, nail polish, and you also need a nail dryer, but I use acrylic so I do not use the dryer. When you do gel nails, you use that dryer.

M: What's wrong with gel? Does it not dry in time?

S: It does not dry very quickly, but the acrylic powder does. I don't have that dryer because I do not see the use of it. If I decide to start doing gel nails, then I might get it. Most people want acrylic nails because they last and gel nails don't last.

M: What is the reason for that?

S: Gel is not the same as acrylic; acrylic is like cement, it hardens.

About CultureTalk: CultureTalk is produced by the Five College Center for the Study of World Languages and housed on the LangMedia Website. The project provides students of language and culture with samples of people talking about their lives in the languages they use everyday. The participants in CultureTalk interviews and discussions are of many different ages and walks of life. They are free to express themselves as they wish. The ideas and opinions presented here are those of the participants. Inclusion in CultureTalk does not represent endorsement of these ideas or opinions by the Five College Center for the Study of World Languages, Five Colleges, Incorporated, or any of its member institutions: Amherst College, Hampshire College, Mount Holyoke College, Smith College and the University of Massachusetts at Amherst.

© 2013 Five College Center for the Study of World Languages and Five Colleges, Incorporated